CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

IsiCwangciso esiluyilo soTshintsho lweMozulu

IsiShwankathelo seNkqubo yeNtatho-nxaxheba yoLuntu

Umhla: eyeThupha 2020

1. Iinjongo zesiCwangciso

UTshintsho lweMozulu yinto exhalabisayo kwilizwe jikelele kwaye sele ibangele iingxaki ezimandla zoqoqosho nezentlalo kumazwe nakwizixeko kwihlabathi liphela, kuquka iKapa. ISixeko saseKapa sime kwindawo eyahlukileyo eqanyangelwe yimingeni yoqoqosho lwentlalo nto leyo eyenza isixeko sibe semngciphekweni wokuchatshazelwa yintlaninge yemingeni ephathelene notshintsho lwemozulu. Utshintsho lwemozulu ejongene nalo iKapa luquka oku kulandelayo: ukwehla okumandla kwezinga lwemvula; ukutshintsha kwamaxesha okuna kwemvula; ukwehla okumandla kwamaqondo obushushu ngonyaka kunye nokonyuka kakhulu kwamaqondo obushushu; iimini ezitshisa ngokugqithisileyo kunye nolophu lobushushu olusoloko lukho nolugqithisileyo; kunye nokonyuka kwamandla omoya; nokonyuka komthamo wolwandle kunye nokonyuka kokhukuliseko kunxweme lolwandle.

ISixeko siyithathele ingqalelo into yokuba ukulibaziseka okanye ukusilela ekuthatheni amanyathelo ayimfuneko okwamkela ifuthe elilindelekileyo lotshintsho lwemozulu kunye nokuba negalelo kwiinzame zehlabathi zokuthomalalisa utshintsho lwemozulu kungakhokeleka kwiingxaki ezinokuthatha ixesha elide kunye nokungafumani amathuba kuqoqosho lokusingqongileyo. Kwezinye izinto, oku kuquka ukutya, amanzi, ukungazinzi kwezengqesho, ukumoshakala kweendawo zezityalo nezilwanyana; ukulahlekelwa nokonakala kwezakheko ezisisiseko neepropati; kunye nomngcipheko kwizivumelwano neerhafu ezimiselwa ngamahlakani ezorhwebo kunye nokulahlekelwa yindlela yokufikelela kwimarike yaphesheya ngenxa yamandla ekhabhoni kwiimveliso neenkonzo zethu.

Ukuba nesicwangciso esicacileyo sotshintsho lwemozulu kunceda iSixeko ukuba sithathe inyathelo lokuthoba kwaye silungiselele le mingcipheko (ulungiso). Isicwangciso sikwabonakalisa indlela nokuba kutheni iSixeko sizimisele ukunciphisa igesi ekhupha umoya ongcolisa umhlaba (GHG) (ukuthomalalisa), sijolise ekuzinzeni kwekhabhoni ngo-2050.

Ngoko ke isiCwangciso esi sijoliswe ekubeni:

- sibonelele ngesakheko sokuba iSixeko sitshintshe indlela esicwangcisa ngayo nesisesebenza ngayo kwaye siqinisekise ukulungelelaniswa kwemigaqo-nkqubo yeSixeko, izicwangciso-buchule kunye nezicwangciso eziphathelene neenkxalabo zotshintsho lwemozulu ngelixa sikhokela amacandelo olawulo kunye namasebe ngezi nguqu.
- siqinisekise oko kuzakuxhanyulwa kwiinguqu kunye nothomalaliso lotshintsho lwemozulu- okuquka ukudalwa kwemisebenzi, ukuphuculwa kwezempilo,ukucuthwa komngcipheko, ukuphucula kwezamandla ombane kunye nokhuseleko lwamanzi, kunye nokunye okunokuxahnyulwa- kubekwa phambili ekumiselweni kwesi sicwangciso.
- sijongane neengxaki ezichaziweyo kulawulo lweSixeko kunye neenkalo ezibangela ezoo ngxaki kwaye siqinisekise ukuba iSixeko sinako ukujongana nemingeni ebangelwa lutshintsho lwemozulu kwaye sikuthintele ukuzibophelela kutyalo-mali nophuhliso olungazinzanga.

Ukongeza, esi sicwangciso sineenjongo zokunceda iSixeko ukuba sithathe indlela ehlangeneyo yokuqwalasela iziphumo zotshintsho lwemozulu kwaye sithathele ingqalelo ukuba ukuba utshintsho lwemozulu ngowona mngcipheko uphambili kuqoqosho, intlalo nokusingqongileyo. Ngelixa ifuthe lotshintsho lwemozulu kulindeleke ukuba lonyuke,

ubhubhane okhoyo wezempilo kwihlabathi ubonakalise imiba yelizwe efanayo naleyo ichaphazela iKapa kutshintsho lwemozulu. Ukuthatha amanyathelo abonakayo kutshintsho lwemozulu kuhambelana nekhwelo lehlabathi lokuvuselela uqoqosho lokusingqongileyo nto leyo ebalulekileyo kushishino lwethu ukuze siluphucule kwaye sirhwebe ngempumelelo. Ngoko ke esi sicwangciso sibalulekile ekuvuseleleni iKapa kwiCOVID-19.

2. Umbono, imigaqo, kunye neziphumo ezilindelekileyo zexesha elide

Umbono: Ukuba sibe sisixeko esikwaziyo ukumelana nemozulu, esinezobonelelo ezaneleyo, nesinekhabhoni ezinzileyo, ukuze samkele uqoqosho oluluqilima nolubandakanyayo kunye nophuhliso lwentlalo nendalo yokusingqongileyo eluqilima.

Lo mbono uxhaswa yile migaqo isibhozo ilandelayo: Ukuxhathisa, uqoqosho olubandakanyayo, ukunziza kobuqilima, ukunciphisa ikhabhoni kunye nentlalo-ntle, intsebenziswano nokuhlanganisa, uphuhliso lwedolophu kwiziphumo zemozulu kunye nokuhlanjiswa kweenkonzo ngobulungisa.

Ukongeza, esi sicwangciso sinombono weziphumo ezisithoba zexesha elide ezibonelela ezibonisa umbono ocace kakuhle wexesha elizayo apho isiCwangciso soTshintsho lweMozulu siyakube simiselwe ngokupheleleyo.

3. Indlela yokusebenza

Iimbono zeenguqu nokuthomalalisa zibandakanyiwe kwisiCwangciso ukuze zikhokele amanyathelo okusebenza kunye neenkqubo. Ezi zinto kufuneka ke ngoko zibonakale kwizigaba eziqhubekayo zokubek'iliso ezivuselela ucwangciso nendlela yokusebenza. Iimbono zeenguqu kunye neendlela zokusebenza zibandakanya:

Indlela yokuqwalasela kombono iyasetyenziswa kwiinguqu zemozulu, igxininise ulawulo, ucwangciso, iinkonzo ezisisiseko kunye nendlela yokuziphatha nanjengoko olu luhlu lwamanyathelo lufuneka ubeka iSixeko endleleni yokufezekisa ukomelela kwemozulu. Izicwangciso zeenguqu zokunciphisa ikhabhoni eKapa ziqwalaselwa kumacandelo amathathu akukuhlaziywa kwezamandla, ezothutho, izakhiwo nokusetyenziswa komhlaba, kunye nenkunkuma noqoqosho olujikelezayo. Amanyathelo okusebenzisana namahlakani azakusebenza kumanqwanqwa osixhenxe aphambili azakusebenza ukutshintsha amakhonkco exabiso kula macandelo.

4. Isishwankathelo seeNkalo zoCwangciso ekuJoliswe kuzo kunye neeNkalo zokusebenza gabalala: Iinguqu nokunciphisa

Isicwangciso sineenkalo ezilishumi zocwangciso ekujoliswe kuzo kunye neenkalo zokusebenza gabalala ezijongene neenguqu nonciphiso. Iinjongo ezinxulumene noku eziphantsi kwenkalo nganye ejolise kucwangciso zizakuqinisekisa ukumiselwa kombono kunye nemigaqo yotshintsho lwemozulu weSixeko ngenkxaso yeenkalo zokusebenza ezimbaxa Amanyathelo okusebenza kwenkalo nganye abonakalisiwe kwesi siCwangciso sokuSebenza seSixeko saseKapa silandelayo:

4.1 Iinkalo zesicwangciso ekujoliswe kuzo zeenguqu

- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo 1: Ubushushu, ifuthe lobushushu kunye neemini ezishushu ngokugqithisileyo
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo 2: Ukuncipha kwezinga lokuna kwemvu, imbalela nokunqaba kwamanzi
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo 3: Izikhukhula, umngcipheko wezikhukhula kunye nomonakalo wesichotho
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-4: Ukhukhuliseko lonxweme kunye nokonyuka komthamo wolwandle
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-5: Umlilo nomngcipheko wokuqhambuka komlilo

4.2 Iinkalo zesicwangciso ekujoliswe kuzo zokuthomalalisa

- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-6: Ezamandla ombane ukulungiselela ukudala amathuba emisebenzi nophuhliso loqoqosho
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-7: Izakhiwo nemimandla engaphumi moya wongcoliseko
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-8: Ezothutho ukulungiselela umgangatho wokuphila nentla-ntle yabantu
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-9: Ukubandakanya izibonelelo nemihlaba engamabala
- Inkalo yesicwangciso ekujoliswe kuyo ye-10: Uqoqosho oluphuma kwiimveliso zenkunkuma

4.2 Iinkalo zokusebenza gabalala neenjongo zazo

Ukuze siluqwalasele ngempumelelo utshintsho lwemozulu, kukho iinkalo zokusebenza ezichongiweyo. Ezi nkalo zokusebenza gabalala zixhasa ukumiselwa kweenkalo zesicwangciso ekujoliswe kuzo kwaye zibalulekile ukuba ziqinisekise ukuba amanyathelo olawulo afanelekileyo akhona ukuncedisa ukufezekisa nokuhlanganisa iziphumo zotshintsho lwemozulu zeSixeko saseKapa.

- Inkalo yokusebenza gabalala 1: Ukuhlanganisa utshintsho lwemozulu
- Inkalo yokusebenza gabalala 2: Ukujongana nefuthe lezoqoqosho
- Inkalo yokusebenza gabalala 3: Inkxaso-mali kunye neenkqubo zezimali kumanyathelo otshintsho lwemozulu
- Inkalo yokusebenza gabalala 4: Unxibelelelwano nentsebenziswano yokuxhasa amanyathelo otshintsho lwemozulu

5. Ukuqukumbela

Esi sicwangciso linyathelo eliphambili elisondeza iSixeko kumbono waso wokonyusa inyathelo laso lokuqwalasela utshintsho lwemozulu kodwa siza kufuna inkqubo yexesha elide enezigaba ukufezekisa lo mbono. IsiCwangciso esizayo sokuSebenza esijoliswe kuTshintsho lweMozulu seSixeko saseKapa, ekufuneka sifundwe kunye nesi sicwangciso, sibonakalisa amanyathelo acacileyo okusebenza neenkqubo zokuthathela ingqalelo injongo zesicwangciso. Ukongeza, uninzi lwemingeni yokumiselwa kwesi sicwangciso sele iqwalaselwe kwaye yadityaniswa kumanyathelo okumisela abonakaliswe kwiCwangciso

esizayo sokuSebenza seSixeko saseKapa. Isicwangciso sokubek'iliso kunye nophononongo siza kuqulunqwa ukuqinisekisa ukuba iSixeko siyakwazi ukulandelela ukusebenza kwesi sicwangciso kwaye senze izilungiso xa kuyimfuneko.

ISixeko siyavuma ukuba ukuze esi sicwangciso sisebenze, iSixeko kufuneka sisebenzisane nabemi, amashishini, iiNGO, amaziko emfundo kunye namanye amacandelo karhulumente namahlakani aso kwiKapa jikelele. Kwiimeko ezininzi inxenye yeenjongo zesicwangciso ziphantsi koburhulumente bommandla okanye zijongene neengxaki zolawulo okanye isidingo sophuculo olupheleleyo lwecandelo. ISixeko nangona kunjalo sithathela ingqalelo uxanduva lwaso lokubonakalisa ubunhokheli kwezemozulu ngombono, isicwangciso, iintlangano, iinguqu kulawulo, uphuhliso lweenkonzo ezisisiseko kunye nokusebenzisa amaziko aso oncedo namanyathelo angaphakathi.